*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Indebe yemiqhathane mayiwe*
Illustrated by Siya Masuku
Written by Nozizwe Herero
Designed by Nadene Kriel
Edited by Glynis Lloyd
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 19 November 2016.

ISBN: 978-1-928377-98-6

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.





UMicki nabahlobo bakhe, uLolo noUnathi, babefunda iincwadi zabo abazithanda kunene.

“Ukuba nincedise uMicki ukuba aqoqoshe igumbi lakhe lokulala,” watsho uPrudence, “nonke niyakufumana imiqhathane nakuba niqqibile.”

“HEKE!”

Kodwa baqhuba ngokufunda,
bafundabafunda.



Bayeka ke ethubeni ukufunda baze baqoqosha igumbi likaMicki.





"Igumbi lam liqoqoshekile ngoku," watsho uMicki. "Masihambeni siye kufumana imiqhathane."

Kodwa abantwana zange bamfumane ndawo uPrudence. Ngoko ke, basuka baya ekhitshini ...



UMicki, uLolo noUnathi bafane bajama phambi kwendebe yemiqhathane eshelufini, bezibuza ukuba bangafikelela njani na kuyo.

Bathe ke bakhangela isitulo,
baze babolekisana
ngokukhwela kuso.

Kodwa akakho namnye kubo
owakwaziyo ukufika kwindebe
yemiqhathane.

“Umama wam ebeza kuthi
yingozi le siyenzayo kuba
singawa sonzakale,”
watsho uLolo.





Wathi ke uLolo wakhwela emagxeni kaUnathi waze wolula iingalo zakhe, kodwa zange afike kwindebe yemiqhathane.

“Utata wam ebeza kuthi yingozi le siyenzayo kuba singawa sonzakale,” watsho u-Unathi.

Bathe ke abantwana bakhangela intambo abanokurhintyela ngayo indebe yemiqhathane ukuze bayithobe ngayo.

Kodwa nangoko zange bafike kwindebe yemiqhathane.

"Umama wam ebeza kuthi yingozi le siyenzayo kuba indebe ingawela phezu kwethu, isenzakalise," watsho uMicki.





“Nenza ntoni?” wabuza uJonathan kunye noSakhi.

“Sizama ukufikelela kwindebe yemiqhathane,” watsho uMicki.

“Singaninceda thina koko,” batsho.



“Masityhale le tafile ukuze isondele eshelufini ze sikhwele kuyo,” watsho uJonathan.

Kodwa nangoko, akakho kubo owafikayo kwindebe yemiqhathane.



“Masiphose ibhola endebeni ze iyigile iwe phantsi ukuze iwe nemiqhathane,” watsho uSakhi.

“Ewe!” watsho uLolo noJonathan.
“Hayi!” watsho u-Unathi noMicki.



Ekugqibeleni, uMicki weza necebo ...

Le yaba yindlela, abafikelela ngayo kwindebe yemiqhathane, bebonke!

